

# Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION)

A Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, FEBRUARY 20, 1890.

[No. 275

IXESHA LE BHOLA, 1889.

DYER NO DYER,

BANQIKA into eninzi ye Mphahla ye Bhola, abayite dlakana ukuba ibonwe: kuko nento ezintsha, ekumhla zenziwayo NANGABENZI ABAZINTLOKO.

I-BHATI.

Zika Liliwhite, Izipato ze Cane 16s  
„ Ezilunge ngapezulu 21s  
„ Ezispeshele 21s „ Eziketiweyo  
25s „ Duplex Driver 30s  
Zika Cobbet's Eziyi Single Cane 15s „, I Eziyi  
Double Cane 17s

Zika Cobbet's Cane Zonke 19s  
„ Ezenziwe Speshele 25s Bartlett's  
ezi Double Cane 13s 6d  
„ ezi All Cane 16s 9d  
„ ezo Kuncotula 19s 6d Zamadoda zoku  
praktisa 5s 6d, 8s „, Dove Tail (extra strong)

I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d. I-Stumps 5s  
6d, 10s, 12s, 16s 6d.

I-BHOLA ZE ZEKRIKITI.

Ezika Duke ezimitungo ipindiwe- I Ezika Ayer's Ze Match ezimitungo yo 4s 6d. I ipindwe  
katatu 9s.  
„ extra strong 6s 3d. I „, i Catgut „, 10s.  
Ezentsapo 2s 6d. I „, Liliwhite 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d  
Ezika Duke ze Match 5s 9d, 6s 3d, 7s ]

IZANDLA

Zokugcina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s 9d, 10s, zenziwa nge twatwa elimhlope—ngolusu  
lwebokwe—nge Gold Cape Tan Chamois nentlotyantlotyana zonke ezintsha.  
Zobetayo Ezolusu lwe nja 7s 3d, 8s 6d, and' . 9s. Eze Bhokwe 7s 3d. Eze Buff Chamois 7s 3d.  
I New President Batting Glove 9s 6d.

Impahla entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa. Intonga ze  
Tennis ziqalela kwi 6/6 kuse kuma 30/-.

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza  
ifika ngo Stemele bonke.

DYER NO DYER,  
ABANENGUBO ZAMANENE,

KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa i Sheleni zo mbini e pontini,  
amanani awodwa kule mphahla. Paula Mlesi!

BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani

E-GRAHAM'S TOWN

Saneke lityali ezitshipu kanye, ifishini ezona Zintsha, Ziqala kwi 31- inye.  
Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2 ½ d. yd.  
Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4 ¾ d. yd.  
Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4 1/2d., ne 6d. yd.  
Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 1/- inye.  
Iblanket zoboya ziqala 5, 1- inye.  
Amabhayi 2/- lilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI !!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand'  
ukuvelela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.  
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.  
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.  
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.  
ISUTI Emhlayo umfana ifishini entsha, 21s.  
IHEMPE, 1s. inye.

Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi "Mvo" maze akuxele oko. Ukuba  
utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (E1) uyakubuye ayinikwe isheleni  
ngeponti nganye.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWN

FORREST, ROBERTSON & CO.

ABATENGISI BE

SWIKILA, TWEYA, INCUKA-NCUKA, njalo,

ABATENGISI BE

WAYINI NE ZISELO.

ABABHAKI nabenzi be ZIMNANDI,

—BASE—

CAMBRIDGE ROAD, E-QONCE.

EZAKOMKULU NGE GUNYA.

ISIAHLULO SASE QONCE.

Isaziso sika Rulumente Ngemihlaba.

KUYAZISWA okokuba imali Yemihlaba  
Yezikonkwane, neyo Notenga, neye  
Ngqesho ifuneka ibhatelwe ekupeleni  
kwalonyaka odluleyo, kufuneka ibhatelwe  
kuyo le Office ngapakati kwenyanga ezintatu  
kuwo lomnyaka, kodwa kungagqiti le yesitatu  
inyanga, u MARCH, 1890.  
Ongasipulapulanga ke esi Saziso,  
engabhatalanga irafu yake, uya kutinjwa impahla  
yake, itengiswe ngawo u Mteto u No. 9  
ka 1884.

Irafu ye Zikonkwane neyo Notenga ngo Mteto  
No. 14 ka 1878, nango Mteto No. 10 ka 1881,  
neye Ngqesho ngo Mteto No. 19 ka 1864, nayo  
eye Mihlaba ngapantsi kwo Mteto u No. 37 ka  
1882 ifuneka ibhatelwe ngapambili, ngokutwasa  
kwoonyaka werafu.

W. B. CHALMERS,  
Civil Commissioner.

Civil Commissioner's Office,  
King Williams Town,  
2nd January, 1890. 3390

ISAZISO.

KWI HEWU.

KUYAHLOKONYISWA

ukwaziswa okokuba nge Siqendu  
Sokuqala so Mteto we Mihlaba  
Elahliweyo No. 3 wo 1879,  
ohlonyelwe ngo Mteto No. 24 we  
1887, okokube iziziba zomhlaba  
ezise Hewu nase Kamastone,  
kwisiqingata sase Queenstown,  
itatyatelwe ukuba yelahliweyo  
ngoko kuxelwa emtetweni;  
nokokuba u Rulumente uya  
kuyitabata ngo 15th JUNE,  
1890, de kube kuko ibango  
nokuhlulwa kwe rafu  
ezidlulelwe ngamaxesha kwi  
Civil Commissioner ye  
Siqingata, njengoko kufunwa  
sesi sahlulo salo Mteto sise  
sikankanyiwe.

Incazo ezeleyo yale mihlaba  
ilahliweyo yofunyanwa kwi  
Government Gazette Notice No.  
1010, 1889, yomhla wa 25  
November, 1889, eshicilelwe kwi  
Government Gazette.

W. B. CHALMERS.

Civil Commissioner.

King Williams Town, 13th  
January, 1890.

Incindi Epitikeziweyo

—YE—

LINSEED NE

HOREHOUND

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA INGQELE,  
nazo zonke Izikuhlana zo MQALA ne  
MIPUNGA.

1/6 NGE BHOTILE.

21- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

INTLANGANISO ye Bandla lase Wesile  
e Qonce ibisingete lento eyenziwa  
ngumzi Ontsundu, ovela kwindawo ngendawo,  
uzalisa indlu yo Mfundisi kakubi. Lendawo  
Intlanganiso ito mayingenzeki ziko Indawo  
Zendwendwe.

Ngomyalelo we Ntlanganiso ya Bakokeli  
base Wesile,

T.SAMBULA  
Igosa lo Mjikelo.

School Street,  
November 27, 1889.

at.ad.t2.90

BAKER, BAKER & CO.

Elobushushu Ixesha,

Elokubanda Ixesha,

Elobumanzi Ixesha,

Elokoma Ixesha,

Onke Amaxesha.

BAKER, BAKER & CO.

BANEKE NGOKU

Ingubo Ezifudumeleyo,

Ingubo Ezipolileyo,

Ingubo Ezilungileyo, Ingubo  
Ezingangenwa mvula. Zamaxesha onke  
ngamanani onke.

KANIZE KUBUZA I

Bhulukwe zetu ze Kodi ezitshipu

I BLANKETE, IMINQWAZI, AMAQHINA,  
IZIHLANGU, NOMAQATENI (Shoes).

EZIBALULEKILEYO,

ISUTI ze TWIDI ZAMADODA, 11/6.

IHEMPE ZAMADODA, 1/- and 1 6.

BAKER, BAKER & CO.

E-QONCE.

John J. Irvine & Co.,

ISUTI zamadoda ze Stofu—12/6, 14/-, 16/-, 18/-, 20/.

IBHATYI „ „ -5/-, 6/9, 8/9, 10/6, 12/9.

I-Bhulukwe „ „ -4/-, 6/6, 5/6, 6/6, to 15/-.

Imitika emnyama (yokutshata)—12/6, 15/9, 17/9.

Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16/9 to 18/9.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d., 1/-, 1/3, 1/6, 2/

Ihempe ze fulaneli—1/6, 1/9, 2/-, 2/6.

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2/6, 2/11, 3/6.

Kuko i Bhulukwe ze Kodi ezitile (ezona zohlobo)

7/6.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela  
asemqokumbelweni). Zisusela ku 4 6 zise kwi ponti.

Iprinti ezisand' ukufika—3d., 4d., 5d., 6., 7d. nge yadi.

Ikaliko—2d., 3d., 4d., 5d., 6d. nge yadi.

Ilinzi—4d., 5d., 5Jd., 6d. nge yadi.

Izitofu ezibugqi—6d., 7 ½ d., 9d. nge yadi.

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla  
epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.

u-ALUVENI.

# GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

I-lokwe zokutshata ze Setini emhlope i-Ready-made 30/-.  
I-lokwe zokutshata ze Setini e-Cream i-Ready made 30/-  
I-lokwe ze Alpaca emhlope Zokutshintsha  
I-lokwe ze Setini enamabala 17/6.  
I hempe ezimhlope 1/6 inye; I hempe ezihonjisiweyo 1/  
 inye.

I-SETINI EMHLOPE 10d. nge yadi | I-SETINI E CREAM 10d. nge yadi  
I-ALPACA EMHLOPE 6d. nge yadi.

I Kwilita zokulala ezimhlope 4/6 inye.  
I Printi ezingapumiyo 3d. nge yadi.  
I Printi ezilunge kanye ebize ze 6d., ngoku zitengiswa nge 4d.  
Ityali zokuhomba ehlotyeni.

# GIBBERD & BRYANT,

## EQONCE.

ISAZISO.

**N**DIYA wasisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kukho nesitali samahashe esine groom epapame kunene,

ROBERT XHOLLA,  
Kowie Street.

Graham's Town,  
28th June, 1889.

Mawetu! Mawetu!!

**Y**AZINI ukuba ndivule ecaleni kwe Kaya" IVENKILE YENTWANA ZONKE EZIFUNEKAYO. Kukho nesebe Lenewadi ekuzakubako kulo zonke izishicilelo ezikoyo zesi Xhosa. Ako Amaculo amahle onke. Kukho ne Noti (Tonic Solfa) ezimaculo matsha, amnandi. Elisibe lisaya kufezekiswa ukwanelisa ititshala, njalo-njalo.

PAUL XINIWE,  
General Agent.

King Williams Town, June 10, 1889.

Kufunwa Utitshala Ontsundu

**U**KUFUNDISA kwi Sikolo sase Tembeni ngase Tinara, Ngabo baneziqiniseko ezilungileyo abanga tumela incwadi zokuvakalisa ukuba bayayi funa indawo leyo ku, Rev. E. MINKNER, Etembeni, P.O., King Williams Town.20290.

ISAZISO.

**I**NTLANGANISO yokucasa ulwaluko yobase Healdtown (Enxikwebe) ngolwesitatu evekeni ngo 11 a.m., ngo 5th March, 1890. Bayamenywa abanolu luvu.

D.SIHAWU, Secretary.  
Lovedale, Feb. 10th, 1890.

Ngentlanganiso Yenqubelo Pambili.

**L**ENTLANGANISO yoba se Ndlunkulu ngo FEBRUARY 28, ngolwesi- Hlanu. Ingxoxo eziya kuxoxwa zezi: Kuya kuqalwa imiteto emitsha yale ntlanganiso. Owona mkondo wayo egqitileyo. Uya kuba ngowokuketa awona malungu afanele lentlanganiso. Okokuba makabe ngane zimilo ezifanele yona. Ingxoxo yesibini kutetwe ngepepasokupela e Natal ukusinga e Transvaal zibe 550. le *Mvo Zabantsundu*, ukubonisa into eliyayo. Nokuba wonke olingu lalantlanganiso makabe ngumlesi walo. Nokuba onke amadoda alitatayo makapume ipulo lokuzingela abanye ukuba nabo mabatate elipepa ukuze babe nokuya izinto elizitetyayo, nemfanelo zalo, ukuze lide lifizeke kuba uhanjiswa nzima umsebenzi ngapandle kwayo. elinani lifunwa ngu Mhleli wepepa. Eyesitatu i indawo: Ingxoxo zendawo ezitile eziyimibuzo yabanye. Kuya kulindelwa nengxelo yamalungu atile amiselwe ukubambahamba ebona izinto zokonyo ukuhamba kwawo ezindaweni. Kuya kulindelwa nengxoxo ezingeniswa ngamalungu entlanganiso.

TIMOTHY NKOMFE,  
Unobhala.

## IZAZISO NGE "MVO."

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakhulu indlela yokuhlawula

'IMVO ZABANTSUNDU'  
ukuba intlaulo:—

Erolelwa Ikwata, xa ifike kwange nyanga yokuqala..... 3s.  
Erolelwa Ikwata, ifike emva kwenyanga yokuqala ..... 3s. 6d.

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlalele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.

Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itonyelwa nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

IMVULA zokufa kweveki engapaya nezeveki egqitileyo zibuye zazihlaziya kamnandi into ezilinyiweyo kweli nakwelipezulu. Nangaleveki ine kunene.

IMPAHLA ebitwelwe yinqanawa apa—i Strathblane — esavakalisa ukuxwaleka kwayo ngase Bhai, ihambe icolwa elunxwemeni.

ULOLWIWE uvulwe ngo-Mgqibelo ongapaya e Sir Lowry Pass ngase Kapa.

AMAXABISO okulayisha ukusuka e Aliwal North aychamba kwezizituba ngo 10 Feb :— Johannesburg 13/ to 14/; Pretoria 15/; Ladybrand 4/ to 4/6 ; Senekal 6/; Heilbron 9/; Wepener 2,6; Bushmanskop 1/6; Rouxville 8/; Ficksburg 5/; Clocolan 4/ to 4/6; Ladygrey 1/; Bethlehem 7/; Smithfield 1/6 ; Herschel 1/; Maseru 4/ to 4/6 ; Winburg 7/; Cronsadt 7/6. Zifunakuti zibeko inqwelo.

U LADY LOCH, Inkosikazi ye Ruluneli, ite yakuziva iphilele yabuya yayipeleka ukusuka e Kapa Iruluneli kwindlela yokuya e Cradock nase Skapu nkuya kuzalisa idinga. Selubhaliwe oludaba kufike olokuba Inkosikazi ayibanga sahamba.

IBINGUNOGUMBE kweli pakati ngapaya kwe Bhobhobho, ngokuzala kwe Klip River e Ladismith kumke izindlu ezisentilini nempahla czinkomo ne bhokwe.

AMANENE aselezimisele ukungena kumnyadala wonyulo lwelungu lokutabata isihlalo esishiywe ngu Mr. John Tudhope e Tinara ngo General Nixon, Messrs John Grewar, de la Harpe, no John Birch. Izimvo zawo awakazibhengezi lamanene. Yinqaba ke noku chana elingafanelwa kuxhaswa ngomnyama umzi okwangoku.

ISPANGO esawa e Graaff-Reinet ngolwesi- Hlanu (7 February), sazalisa izitalato ngamanzi. Ikali ye Posi yase Pearson ya. bhukuqwa ngumfulana ogandli ngakuba namanzi, yemka, emka kwapela amahashe, wasinda ngameqanga obudoda umbhexeshi. Wafunyanwa ixenye yengxowa zeposi.

ISIMNARI yase Gcuwa yentombi ivulwe ngo 4 February, ekwati ngalowo mhla kwarolwa (kudibene nezitembiso nempahla) £350. Ityala eliseleyo liku £600. Uyabamba ngoku umsebenzi ziyangena intombi. Sezimbawo indawo ezisavulekileyo.

U MR. WHEELDON wase Rini ungene emnqopisweni no Rulumeni ukutwala i Jaji emjikelweni welase Maxhoseni nge £9 ngemini, intsku ezi 160.

NGE-SABATA engapaya kumke e Millwood ese Knysna intombi yomlungu engu Miss Mitchell xa ibilinga ukwela umlambo ikwele ehasheni. Umsinga uyitule yatshisa Besingekafunyanwa isidumbu.

UMFUNDISI wama Frenshhi ongu Rev. Father Booms obefika evela kwelakwa Mzilikazi ufe ngebhaqo e Mafikeng, sisifo sentliziyo.

I-SULTAN yase Zanzibar ibhuhile.

INKULU ye Jaji e Kimberley, ite xa ikulwa i Jury yenza amazwi abakali ngenzengiso yotywala, eyaudisice kunene amatyala, yavakalisa umnqweno wokungu a Rulumeni angayincipisa intengiso yotywala.

IZIGITSHIMI ezivela kwi Nkesazana zisiya ku Lobengula ikumkani yakwa Mzilikazi ukuyakuvakalisa okugqitywe yi Nkosazana ngendlela yokupatwa kwelizwe lalonkosi, zamkelwe ngobubele nentakazelo.

NGO-MVULO weveki egqitileyo imantyi yase Beaconsfield ibibheculula ityala lomfo abati ngu Tom Fishoni obulele omnye u John Forsasi ngebhoso ngo-Mgqibelo ongapaya, bebexhile. Ixibino, iti lendoda ibiputume umfazi wayo yasuka yabeta.

KUMKE abantu abane abantsundu nomlambo e Ladysmith, Natal, ngonogumbe abawe kona.

SIKHUZA ngentliziyo eyopayo intsapo yakwa Zikode (Scott) e Somerset East, ngompanga wendodana ebiseliyintloko yomzi wakowayo, bakubon' ukuba bafa oyiso. u Mr. James Scott esiva ukuba umke ne Waterloo ekungeneni kwayo e Kobonqaba ngase dolopaneni eyi Adelaide ngo 12 February, ebetsiya e Lovedale apo afunda kona udadewabo. Besingekafunyanwa isidumbu, amakaba ubehle wangena kwi Kobonqaba umzimba waduka.

## Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, FEB. 20, 1890.

IMBULELO KUBANCEDI BOHLANGA.

**K**WENZEKA into enkulu, kungati kukancinane nje, ukuba nati bamnyama sibe netuba letu sedwa elibalulekileyo lokudibana ne Ruluneli e Qonce. Yinto engabangako leyo kwezinye indawo, kuba ukubona unantsi nonantsi epuma esihlweni sabamhlope elesa Umbuliso egameni la Bantsundu, akunjenge ngokuba yenjenjalo e Qonce I Ruluneli yapumela ngapandle komzi ukuya kwenza ixesha kwimbuto eyeyabamnyama bodwa. Kuyasivuyisa ukuti oko ikubonileyo i Ruluneli e Qonce mayelana nabamnyama kuncanyateliwe entliziweni yayo, ngokutsho kwayo ngesiqu kwane Nkosikazi u Lady LOCH. Amapepa onke atata

epakamileyo ngesakwenzayo, kude kwatyalusela nalawo angena buhlobo ngakuti bantsundu, ate namhla avulwa amehlo yintshukumo yabantsundu, abona ukuba lento iyintlonelo-mbuso kuhleliwenje iko kwabamnyama. Ide I *Watchman* yase Qonce iti lentlonelo ayivakaliswanga ngamazwi amlomo, abengaba ngawokutshalazisa, kodwa ibonakaliswe ngokuzikhatata kwa bantsundu ukubako ngeziqo ukuza kukahlela kose sikundleni se Nkosazana. Namhla umzi uyaziwa embusweni into oyiyo oko ixa eli ubungaqiqwa. Kuhle ke, besifuna lonto kakade lento siluncedise kabukali umemo lokuba uze e Qonce umzi.

Kambe lomsebenzi ufanelekileyo ubungasakubako ukuba kungaveli tile usemalungelweni awuxhatisele. Asinantloni ukuti umntu ofanelwe kubulelwa ngumzi wonke omnyama ngalomsebenzi ubalulekileyo kufezwe wona e Qonce, ngokuvulwa kwabolwetu uhlanga pambi ko Mhlekezazi, ngu Mr. J. W. WEIR omnye wamanene apezulu apa e Qonce. U Mr. WEIR usuke wazilahlela kwimzimamo yokuhlanganiswa komzi ontsundu. Akatotishwanga yimisondo nezinyeliso zamanye amanene akowabo abe ngayise so into yokugqatswa kwetu 'mzi umnyama pambi kwe Ruluneli. Uyimele lento kwada kwangomhla okumle wokubonakaliswa kwetu Xa siti u Mr. WEIR uvimele ngeyake ingxowa yesiqu into yonke elungiselelwe abantsundu, ekubeni ingangenanga kamnandi i Komiti yabamhlope ebipete ukulungiselela i Ruluneli kwelokuba nabamnyama bunelwe into, wqonda umzi ukuba inteto yetu ayinamazwi ungambulela ngawo umzi u Mr. WEIR

kwakwenzileyo. Siyazi ukuba elinene alisakukholiswa kukusuka silenjenje ukulipata igama lalo kuba oku alikwenzelanga ludumo lwalo, libe lisenza elinako ukufeza imfanelo yalo kwisizukulwana elivelele kuso. Kanti ke nati sinyanzelelele ukuyikela inyaniso. Emasiti asiyaazi into owoza umbuyekeze ngayo umzi wakowetu u Mr. WEIR ngasenzelweyo ngalomhla mkulu. Amanye amanene ate angamasekela ake

kulo msebenzi ngabahlobo betu ababalulekileyo o Mr. WILLIAM HAY no Mr. R. W. ROSE-INNES. Nabo siyababandakanya kulo mbulelo egameni lohlanga. Kumantyi wetu obekwe ngemfanelo asibuleli nje, siyandombosa. Uyixhase ngomxelo wonke imigudu ka Mr. WEIR. Ute kwakubon' ukuba umzi ontsundu uyavinjwa ixesha yi Komiti ya Bamblope akadenda ukucela ixesha kwi Ruluneli ngocingo. Wavuma umnumzana ongena sicapucapu ngakuti bamnyama. U Mr. CHALMERS uyamkele nentombi yake u Miss CHALMERS indawo yokuyamkela i Ruluneli e nntenteni. No Mr. DICK ungene ngentliziyo ukuncedisa kulomsebenzi ukuba upumelele. Pakati kwabanye abafanelwe ngumbulelo ngo Rev. BRYCE Ross wase Pirie. BAKO nabanye esingangi singabalibala abancedise kwinkalo-nkalo ezite zabanga ukuba uzuke umsebenzi. Siyambulela u Colonel BAYLY ngokutuma impi yase mkosini ukuba ipahle Umhlekezazi ilungiselele nokudutyulwa kwe nkanunu; kwangokunjalo u Captain LANNING ote ngobubele wawuboleka amalapu embasa umzi. U Miss SISSING ungowokubulelwa ngokuboleka Rente yokwamkela i Ruluneli, no Inspector F. W. SMITH ngokutuma amadindala ukuncedisa ukufala nokugeca indlela. Siya zibulela intombi ze Sikula Esikulu se Ntorabi (Collegiate School) ezipetwe ngu Miss MARTINDALE ngelapu elaba yi mbasa elalitwelwe pambi komzi xa wawungecala lineteto eti, "GOD, Liberty, Truth": " UNKULUNKULU, Inkululeko, Inyaniso," ekwabonakala ngokupela okuhle ukuba ilaulwe zezonto into yonke eyenziwayo ngalomini izukileyo. Singatinina? Siya babulela bonke abancedisayo kulomsebenzi. Bonke banokuzincoma kuba baneliswayo abo zazenzelwa bona ezonto. Ibe yintonina anokuyinqwela umntu ngapezu kwaleyo?

## Utyelelo lwe Ruluneli.

E-KOMANI.

E Steshoni i Ruluneli yamkelwa ngo E. Garcia Esq., Imantyi, no Dr. Berry no Rev. A. Grant, St. Michael's and All Angele, Mr. Frost M.L.A., no Hon. T. Brown M.L.C., namanye amanene. Kuleswe inteto zombuliso womzi. Ngobusuku bolwesi-Ne kubeko isidlo ekwenziwe inteto emva kwesidlo ete i Ruluneli yavakalisa nkomangaliswa kwayo bubuhle nokutyeba kweli izwe lase Maxhoseni okudlela into yonke angaba waka wayibona e Australia. Into efum'ukuti imangalise kukuba kube akukabiko lolwe udibanisa lo weli lase mpumalanga nowelingapakati. Ngobusuku bale mini ibe yi faleni yabapete amabaso enconywa ubhle. Ngolwesi-Hlanu kungatiwa usuku lwama Bhulu ekwele emahasheni exwaye imipu. Aqale ngokulesa umbuliso obalisa ukuba bangabantwana bamagora abanye bangamagora abesilwa imfazwe nabamnyama; nakuba bevuma ukulolwa ukuba loma Xhosa akasakubuya abeko, kodwa nanamhla basakuchopele ukulwa Umhlekezazi upendule wati uyavuyiswa, kuhlangana nabatwele ubunzima ngamaxesha angapambili ngenene Koloni, esiti wanga angevumi u Tixo ukuba ibuye ibeko imihla enjengaleyo. Ukusuka apo ibe yinto apa ate eyenza ama Bhulu ayesiti li "qunyu,"— ukudutyulwa kwemipu ingxashwe iruluwa yodwa. Ikwele ehasheni i Ruluneli yasinga kwibala eliyi Hexagon apo ifike imi impi entsundu idale isakombe impi eninzi kunene bati ibiku 2,000 yabamnyama. Ijikele Iruluneli baye bemana ukuyamkela ngo "Hule!" bonke. Impi eninzi ibiyeyase Glen Grey ete emva kwalomkwele yalesa incwadi yombuliso.

Iruluneli iyibulele isiti itonyalaliswe kubona bebonakalisa intobelo-Nkosazana ngalendlela. Mabahlale beqinisekile ukuba bahleli ngoxolo akuko bani uya kuba pitizelisa emihlabeni abakuyo. Kulandele inteto zembuliso zipatiswe amadoda apambili endawo avela kuzo—ayase Dordrecht, Molteno, Burghersdorp, kwanteto zamanye amabanda. Ukuputela yase Gtagule lesiqingata ivakalise ukuvuyiseka kwayo ukuva ubuninzi bemveliso yesiqingata ikakulu ibangwa yintsebenzo ya Bantsundu. Inkulu yabafundisi base Wesile u Rev. R. Lamplough ne sekela lake u Rev. J. E. Paronsou babhekise inteto yombuliso egameni lentlanganiso abayiyo. Yabulela ivuyiswa kuhamba komsebenzi. Egameni lomzi omnyama omele i Komani kubhekiswe umbuliso ubhalwe amagama o Rev. J. Go-duka, Messrs. J. Wm. Sondlo no R. Nukuna. Amawetu alate ukuba yintlambuluko yobu Kristu ebange ukuba kubeko uxolo ne ntobelo-mbuso pakati kwabamnyama. Iruluneli ikutakazele oko.

Kube kuko namadoda ase Gala epetwe ngo Mr. Jonas Nqose, Mr. Timothy Makiwane, no Revs. J. M. Dwane, J. Mahonga. Abhakise inteto nawo, yabulela i Ruluneli.

Zite into zonke zahanjiswa ngokukauleza kuba libe lisondele ixesha ukuba ibuye ibuyele e Monti i Ruluneli.

*U SIR GORDON NABA TEMBU.*

Njengokuba Inkulu-vo-Mbuso, u Sir Gordon Sprigg ibike yabambela kwelaba Tembu, ibenentlanganiso nabo e Cadadu (Lady Frere) ngo-Mvulo 10 February, e Gantolo, ikwako nemantyi u Jenete (Mr. Jenner).

U Sir Gordon Sprigg, uvakalise uvuyo lwake ukudibana nabo nokuya izinto abanga bangazibhekisa ku Rulumeni. Uyegqita kodwa apo waye ekuchopele ukupulapula zonke izinto abangazibhekisayo.

NGO CANDU.

U Mr. Hendrick Kalipa ute kwasu wati bayavuya ukuyibona Inkulu-vo-Laulo ipakati kwabo. Ababanga naxesha kakuhle lokuhluzza izinto zokubhekisa. Kodwa eyona nto inkulu kukuba benga bangafumana Itaitile zemihlaba yabo. Bavuyiswe yunikumva imvume imizi yezikolo ukuba izifumane Itaitile. Abatembu baziva bengasindile ngapandle kwe Itaitile.

Ebuzile u Sir Gordon, ukuba kungumngqweni wabantu bonke na base Glen Grey ukuba banikwe Itaitile, u Mr. Kalipa, ute lowo ngumngqweni wabantu abakulu abanga kunganjalo nakwabanye.

U Sir Gordon Sprigg ute bayakumkela zindleko zonocanda ngapambi kokuba banikwe Itaitile; abazifunayo kufuneka behlulele iziqingata ezitatu zalomali ngapambi kokuba kucandwe. Mabaqonde ukuba u Rulumeni akazioboni ngalomini ukuba uyakuyenza yonke into abayifunayo, uyapulapula kodwa namhla efum'ukuqonda into abazimisele ukuyenza. Bobuye bayifumane impendulo kwisicelo sika Kalipa. Zininzi izinto amelele kwisicelo u Rulumeni ekwenzeni Itaitile— inani labantu nobubanzi bomhlaba— ezingati ziqondise ezizinto atayape ukupendula u Rulumeni.

NGO NXILO.

U Sir Gordon Sprigg, ubhekise kwi Mantyi u Mr. Jenner ukuba luninzana unxilo kulowomandla, ete yona yakuti luncinane kanye ngapandle koselo lotywala bo Mxhosa, Inkulu yabhekisa ku Mr. Kalipa ngala: Ukuba andiposisi ungomnye wamadoda amakulu pakati kwabantu. Mhlambi ungandixelela ukuba unxilo lukulu na pakati kwabantu base Glen Grey.

Mr. Kalipa: Ewe, luninzi unxilo. Sir Gordon Sprigg: Basela ntoni? Mr. Kalipa: Basela baninzi intlobo zeziselu. Sir G. Sprigg: Banxile? Mr. Kalipa: Bayanxila. Sir G. Sprigg: Bakolis' ukuti banxile bonke? U Mr. Kalipa: Akakolis' kuba ngase zinkantini, ngoko ke akangetsho ukuba banxila bonke na abafikelelayo kuzo.

Sir G. Sprigg: Utet' ukuti na bonke ababantu bapambi kwam bangamanxila? Mr. Kalipa: Anditsho ukuti bangamanxila. Sir G. Sprigg: Ubabek' ibalana Abatembu ukuba bangamanxila. Mr. Kalipa: Maninzi amanxila pakati kwabo. Sir G. Sprigg: Abona baninzi ngaba selayo na? Mr. Kalipa: Ukuba kuya ikulu enkanti amashumi amatatu aya kunxila.

Sir G. Sprigg: Abantu base zikolweni bayasela na nabo?

Mr. Kalipa: Bebefudula bengaseli, kodwa ngoku ndiyapaula ukuba bayasela. Bayaqala.

Sir G. Sprigg: Emakubke abafundisi akukho nto bayenzayo ikukulunga okudluliseleyo?

Mr. Kalipa: Abafundisi bona bayazama ngako konke ukulungumamisa uselo, kodwa nditi unxilo luhlalel' ukuboyisa.

Enya kwale mibuzo u Sir G. Sprigg ubuze ku mantiy ukuba yena uyakunqinela naka okatsetwa ngu Kalipa ngonxilo. Wamkanyeza kwabanda ngokumayelana ne brandy. Amatvala aveliswa bufwala bamazimba. Ute akutsho u Mantiy iqela labantsundu laqwab' izandla ukuvumela umantiy.

U Sir Gordon ute ndiyayiqonda into eziqwatyelwa yona izandla ngumzi. Ndivisisa ukuba aba bavumela nomantiy. Ute wakuba ungapenduli umzi wabuya wati unga angatabat' emhlabini ukuba wona womelana nokutetwa ngu Mr. Jenne???

Isibonda esingu Lawu site akuko matyala eza pambi komantiy ngoselo lwe brandy. Abamnyama banxiliswa bobo Mxhosa. Nanamhla kuko enye indoda eze kubika umntu ofe ngoselo lomqomboti.

U Mr. Thomas Zwedala ute kuko ngoku isiko lokuti umqomboti udityanise ne brandy, atapuluke kulowo mvubo amatyala amaninzi.

U Sir G. Sprigg eyilikeke ebantwini lontoto Umlanjani yena ute abamnyama baya yitenga i brandy kodwa bangayixubi. Nase zintonjaneni iko i brandy. Bangaba ngabase sikolweni abayenza umxube.

U Mr. Isaac Juqashe ute, yena uhleli pakati kwa Maqaba, yinto ekoyo ukuti amadodana ngokukodwa ayitenge i brandy ayidibanise no mqomboti ezintonjaneni. Akakanyenzi nto itetwa ngu Mr. Jenner, kuba u Mr. Jenner engazi luto ngento ezihambiseka ngapandle.

U Mr. Jenner ubonise ukuba uba namaxesha asijikelayo isiqingata abone xa kwenziwa umqomboti, ati ke alive ivumba lomqomboti, abengati alive xa ilive mxube we brandy nomqomboti. [U Juqashe: lowo mxube usuka ube livumba elinye nomqomboti. (Kwalekwa..)]

NGOKUPATELE KWIZIRORO.

U Sir G. Sprigg ubuze ukuba kungaba kuseko enye into abanga bangayi bhekisa.

U Mr. Thomas Zwedala ungenise indawo yokuba ebone emapaneni ukuba u Sir Gordon ebekwe wabantlangano nezibonda zezinye indawo ngokuyuswa kwentlaulo yezibonda ngu Rulumeni.

Ubhekise ku Mr. Jenner u Sir Gordon ngenani ukuba zinikwa ntonina, lite lakuba lipendule elonene ngokuti ezikulu zifumana £12 ngonyaka, ezincinane £6, wati u Sir Gordon, ewe ike yakankanywa zizibonda ezitile e Xesi into leyo wati uyakuke ayikangele ayenzele elayo.

Kute kwakuba kungeko yimbi imi buzo u Sir Gordon, wati waneleke ukuba Abatembo besosiqingata bangabantu abonwabileyo abangenaziroro nabanelisileyo.

U Mr. Thomas Zwedala ute: Pambi kwe Palamente egqitileyo bebenezayo iziroro, kodwa baneliswe kakuhle ngokuhlala kokugqibela kwe Palamente.

U Sir Gordon Sprigg: Lonto ibonisa into enifanelwe kuyenza yokuba nitembe u Rulumeni. U Rulumeni yintloko yenu. (Kwadunywa.) Uqhuba wati u Sir Gordon: Ndivuyiswe kufika pakati kwenu ndifumane naneliseke ngoluhlobo. Ninelizwe elihle kanye apa, kwanemantyi elungileyo. Nimomyaka omhle; kuza isivuno esihle, zonke izinto zezokuba niceatle. Ukuba niyandipulapula ngomcimbi woselo bendinga cebisa mna ukuba, "Luyekeni uselo." Izwi lika Rulumeni lokokuba msani ukusela kanye. Lomcimbi wokusela ungowenu kwapela. Ukuba kuko inkantini akunyanzelwe ukuba uye kuyo. Ityala lokusela lelabo. Kakade ukuba bayasela iyakuba yimbubho yabantu. Lonto ziqondeleni. Kudlulisele ukuba bayikangele ngokwabo lento babuyeke kanye utywala, banga kangeli ku Rulumeni ne Palamente ukubanceda entweni eyeyabo kwapela. (Kwadunywa.) Yahlukene intlanganiso.

## SIVE SABONA.

Siva ukuba kuko ukungaqondi pakati komhlambi owamkela IMVO ZABANTSUNDU ngokukodwa olunge e Batenjini, mayelana nokuhlalelwa kwepepa ixesha lonyaka. Kubonakala ukuba ukutumela imali nge Kwata kuyapazamisa— kupazama kumtemeli mali zekude kupazame kuba bhali. Sekufuti sifumana izicelo kwabatile becala ukuba bavunyelwe ukwuhlalelwa wonke unyaka ngexesha elinye. Singa ke singati oko kukumelekile, kodwa intlaulo ifike ekuqalekeni kwawo unyaka. Lomgcana ke ngopendula izicelo ezininzi.

Mayelana nokulungiselela ukufika kwe Ruluneli e Bhai umzi wakona uneneto ezimbini. Enye yeye siroro sowomlibo ka Xakalashé ati inteto eyaleswayo yeye gumgedle lo Messrs. Balla no Wauchope, umzi awazani nayo. Impendulo ka Mr. Wauchope ifikile, ifika itsho ngabuhlungu ukububaza umoya wo Xakalashé nabo angaba uteta egameni labo. Ungaba umzi ubungahlatyelwanga ntlanganiso ngokuti kungabiko xesha lakuyimema. Eyona not inkulu ngoku kuba kuko nto na ingahambisekanga kakuhle abayikalazelayo o Xakalashé, nabati ukuba ibiko intlanganiso ngebe kudlulisele ngayo. Njengaba ngama e Bhai, masiti safumana udano mhla sayamkela inteto ka Xakalashé eyayipefumla iziroro namangumngum ngayo yonke into eyenziwe ngabamnyama base Bhai ukwa mkela Iruluneli. kuba tina yabonakala, yavakala kanamanjazo, kammandi yonke into eyenziwa egameni labamnyama. Saziva sizingca ngomzi wokowetu wase Bhai kuba yinteto yawo eyaroronyo inteto yohubele yokuqala ngakuti bamnyama. Nobeririza, ozolisayo ukucinga, njengokuba wahambiseka kakuhle nje umsebenzi, ubefanel' ukuti, "Ewe, ingaba ayenzekanga njengokuba bendinga ngeyenzeke ngako yonke into yokulungiselela ukwamkelwa kwe Ruluneli ngumzi ontsundu wase Bhai;

ingaba mhlambi andisalifumananga! Ituba lokuba isiqu negama lam livakale malungana nomsebenzi omhle ozukileyo njengalo. Kodwa into zakowetu o Wauchope no Bhalla zikufezile konke; umzi ziwutyejize ngobungcwaliso. Umsebenzi uhambisekile kuhle."

Akuko nto ingapumelelayo ilindiselwe intlanganiso yabantu ukuba iyenze. Izinto zonke ezinkulu zonedo ungfumana zihambiseke ngenx'nomntu omnye ote wananoko kulonto ayenzayo, ikomiti nentlanganiso zingenza into xa zingunge zaxhasa lomntu mnye, xa zizutywa ngamakwele nobushushu bentloko—nama kukufa kwayo nalonto ilungileyo. O Mr. Bhalla, Mr. Wauchope nabebenabo, ibingamadoda okubulelwa, ataruziswe ngokuwumela umzi apo ubungasakuba nakuzinceda ukuba kungazikatazi bona. Benze into entle abangazikatazanga ngayo o Xakalashé, kanti udumo asilwabo lolo Xakalashé abo. Siti konakele ntonina ke? Amadodana antliziyo zicacele ukuluzibenzela uhlanga atwelenzima kenina ngoku kuhlala kuko imindwakela engenamgudu waluto, ehleli ichopele ukuwatuka ngento ezingekoyo zokuba asebenzela ukunoda lwawo. Seleza kusuka atinina umntu ukunceda umzi wakowabo? Mayipele lento khaba: imbi!

Umntu oke wahambela kwelngase Lusutu, waba nokubona izimbo zentlanganiso, nembuliso yakona, akangez' awulibala umtshazo wo Mbuliso kumntu omkulu wentlanganiso zabamnyama beli. Siwudele kanye umbuliso wempi yeli ngelixesha ibijikela i Ruluneli. Lombuliso ka "Hule!" awunanto uyitayayo kwizizwe ezimnyama; unjalonje mbi. Kungade kube kuhle uguzulwe embulisisweni yetu Maxhosa Asikolwa ukuba lemhlambi ibisiti "Hule!" kwi Ruluneli iyahlula ku "Hurrah!" osuka. kuye lo Hule wom'buliso, ne "Hule" ihenyukazi. Ngesi sizatu sodwa ngele guzulwa u "Hule!" ekubuliseni, ubengateti nto kakade. U "Bayete!" wabase Mbo usadlulisele ku "Hule!" Kanti kwezetu indlebe nentliziyo, umbuliso wa Besutu awukabi nanto iwukhupayo. Ungowokucela itamsanqa ku Nkulunkulu, waye unento oyintsonkotayo angevayo oteyayo ngomxhelo akwenzayo. E Lusutu kuqala umntu omnye ngokutyandyuluka esiti "Imvula mayine!" Zize izizwe zonke zitelele ekutini: "Mayine!"— imolula uyi ku Mayine. Akuko nto imyoli ezindlebeni njengokupulapula lo Mbuliso. Imvula kutiwa iza namatamsanqa. Xa ke icelelwa ukuba ine pezu komntu omkulu, ekuhlanganeni nase kwahlukaneni kwentlanganiso, kuvelwa ukuba awe amatamsanqa pezu kwezonto. Siela into enqabileyo na mabandla e "Hule" xa siti malembelwe ingewaba elinzulu i "Hule" kutatyatwe u "Imvula mayine!" wase Lusutu?

